basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

FEBRUWARI/MATSHI 2018

IMEMORANDAM

AMANQAKU: 80

Le memorandam inamaphepha ali-9.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

UMBUZO 1

Ukumakisha uvavanyo lokuqonda

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Ngokunjalo akuko manqaku anikwayo nakwezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye uYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

4. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esi-sivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe nje ngokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

5. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

6. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

7. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

1.1 **ISICATSHULWA A**

1.1.1 NguNtsikana kaGabha.√ (1)

1.1.2 Kungokuba wayefuna sakheke sibe sisizwe√
[Nayiphi kwezi.] (1)

1.1.3 Akukho nto unokuyenza ngaphandle kwemali kuba umbhali uthi ungafanelana unayo yonke into, ungenayo imali akunto nto yanto.√√ (2)

1.1.4 D√/D Ukumosha ngemali√/ukumosha ngemali.√ (1)

1.1.5 Shwaka.√ (1)

1.1.6 (a) C√/C Utiki ayivumani nepokotho√/utiki ayivumani nepokotho.√
(b) A√/A Ligqolo/ ligqolo.√ (2)

1.1.7 Ubhekiselele kwimeko yokuba umntu alondoloze imali ade adlakazele, athwaxwe yindlala kunokuba kuchukunyiswe imali yakhe.√√ (2)

1.1.8 Baqeqeshwa besebancinci. √√ (2)

1.1.9 Eyokuba le nkonkxa incinane.√√ (2)

1.1.10 Yokuba uyayifundiswa indlela yokuvalela imali.√√ (2)

1.1.11 Ukuzilawula nokuzilinda ekusebenziseni imali.√ (1)

1.1.12 Kukukhupha rhoqo√ nokunqaphaza ukufaka imali.√ (2)

1.1.13 … uhlala ahlale.√ (1)

1.1.14 Kungaluncedo kuba iza kumphathela inzuzo.√√

OKANYE

Ayiloncedo kuba akakwazi ukuyifumana ngexesha ayifuna ngayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.15 Ukubaluleka kokulondoloza imali√√/Amacebo okugcina imali√√/Isilumkiso sokuchitha imali ngendlela engeyiyo. √√ (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Kusesikolweni √kuba kukho umfundi ohleli edesikeni/kukho utitshalakazi.√ (2)

1.2.2 Umfundi ubonakala othukile kuba uthe gqa amehlo, utitshalakazi ukhamisile, uvule amehlo ukubonakalisa ukuba ungxolisa umfundi.√√ (2)

1.2.3 Hayi, kuba amaziko emfundo agunyazisa ukuba kungabikho lugonyamelo phakathi komfundi notitshalakazi.√√

Ewe, amaziko emfundo agunyazisa ukuthobeka xa abafundi benikwa imiyalelo ngootitshala babo kumagumbi okufundela.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2

Ukumakisha ushwankathelo

Ukumakisha makuthathele ingqalelo ukufakwa kolwazi olunexabiso kwakunye nokususwa kolwazi olungenaxabiso.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
    - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
    - Amanqaku ama-3 olwimi.
    - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
    - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
    - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
    - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
    - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
    - 1–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.

QAPHELA

- **Ubalo-magama:**
    - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
    - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

	IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO		**IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO**
1.	'Umdlalo ngumdlalo ngokudlalwa eqongeni. Kufuneka kuqala umdlalo uqalwe uxozwe ulungiselelwa iqonga.'	1.	Umdlalo mawulungiswe ukulungele ukudlalwa eqongeni.
2.	'Umfundisi makaqale awulungise umdlalo ngohlobo olufanele iqonga. Angawujiki ngohlobo obhalwe ngalo. Ukuba uyintlekele mawube njalo, ukuba usisiyoliso ube njalo.'	2.	Umdlalo mawubambe isimo sawo sasekusekweni kwawo, ungaguqulwa.
3.	'Kufuneka kukhethwe abadlali abafanele iindawo ezithile apha encwadini. Umdlali ngamnye makazikhethele indawo athanda ukuyidlala ukuze utitshala abavavanye ukuba bazifanele na ezo ndawo.'	3.	Abalinganisi mabakhethwe ngokweendima ezibafaneleyo.
4.	'Kufuneka umdlali ngamnye akwazi ukulinganisa umlinganiswa twatsa, ngesinxibo; ngokuma, ngokuhamba nangokuthetha. Kufuneka umdlali alandele kangangoko indlela umlinganiswa azotywe ngayo.'	4.	Umlinganisi makangohluki kumlinganiswa osemdlalweni, afane naye ngqo ngako konke.
5.	'Kufuneka umdlali afunde incoko njengoko injalo encwadini. Angawajiki amagama. Awalandelise ngohlobo alandeliswe ngalo encwadini nangohlobo asetyenziswe ngalo kuba ukhe wawajika uya kujika iinjongo zombhali.'	5.	Mabangawaguquli amazwi ombhali abalinganisi ukuze injongo yombhali ifezeke.
6.	'Xa ulungiselela ukudlala umdlalo eqongeni kufuneka usebenzise ingqikelelo. Kufuneka uqonde ukuba umdlalo lo ubhalwe nini na, , usenzeka phi na, xeshani na, intlalo yelo xesha injani na.'	6.	Masithathelwe ingqalelo isimo sentlalo somdlalo.
7.	'Imiboniso mayingajika-jiki msinyane. Ukuba umdlalo wenzeka ecaweni komnye umboniso uze kolandelayo ube semasimini uze emva kwalowo ube sevenkileni kufuneka ulungiswe ngendlela yokuba ingajika-jiki ngolu hlobo ngokwethutyana kuba ukumana kutshintshwa-tshintshwa imiboniso eqongeni kungadala nokulahlekana komsonto webali nobumnandi bomdlalo.'	7.	Mayilungiswe imiboniso ngendlela yokuba ingazitshintshi rhoqo iindawo edlalwa kuzo kuba ukutshintsha tshintsha iqonga kungade kuwulahle umsonto webali.
[Naziphi iingongoma ezisixhenxe kwezi.] **[165 amagama]**			**[55 amagama]**

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: ULWIMI

Ukumakisha iCandelo C

- **Upelo**
  - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
  - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwaywa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
  - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

- Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

- Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

UMBUZO 3

3.1 Amafutha eenwele iJabu Stone invisi wax√/Jabu Stone Invisi Wax.√ (1)

3.2 Kubantu abaneedredzi√/kubantu abanqwenela ukwenza iidredzi √/kuba intengiso ithi la mafutha ayitekhnoloji yale mihla yokuphotha iinwele.√ (2)

3.3 Kukugqamisa imveliso.√√ (2)

3.4 Ngohlobo lokuba umfanekiso ubonisa iidredzi ezinde, ezicocekileyo, ezikhangeleka zingenankwethu, zisempilweni njengoko inkcazelo nayo isitsho.√√ (2)

3.5 C.√/C. Yale mihla√/Yale mihla.√ (1)

3.6 Uphumelele kuba umfanekiso womfana omhle osemtsha okhapha le tekisi uyakwazi ukukhwebela abantu kule mveliso netekisi iyazinika izinto eziza kuzuzwa ngoyithengileyo.√√

OKANYE

Akaphumelelanga kuba umfanekiso ngowendoda kuphela ngoko ke amantombazana aya kucinga ukuba yeyabantu abangamadoda kuphela le mveliso.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
[10]

UMBUZO 4

4.1 NguDod-zi√ (1)

4.2 Bubukhulu bakhe ngomzimba√ (1)

4.3 Bham√ (1)

4.4 B√/B Amazinyo aziinyanda√/Amazinyo aziinyanda. √ (1)

4.5 Yimeko yokuba uNgamla olahla amaxolo ngokungakhathali, enqandwa uwiswe wenzakala kwalixolo lebhanana.√√/Intetho kaNgamla ethi 'benze ni...' xa ebelahla amaxolo ibuyela kuye xa efuna ukuncedwa akube ewiswe lixolo wenzakala.√√ (2)

4.6 Kungokuba usetyenziselwe ukuphoxisa kwisakhelo sesi-5.√√ (2)

4.7 Ewe kuba kwisakhelo sesi-2, uNgamla wonwabile kuba uyageza √√

OKANYE

Hayi kuba kwisakhelo sesi-5 uveze amazinyo kuba ephethwe ziintlungu zokwenzakala. √√ (2)
[10]

UMBUZO 5

5.1 5.1.1 Kunyanzelekile ukuba zingalingani ngokulunga√/akunyanzelekanga ukuba zilingane ngokulunga.√ [Nayiphi kwezi.] (1)

5.1.2 Udidi.√ (1)

5.1.3 Umbhali uthi, √ 'Yiyo loo nto ndithi√ mandincede√ abantu abanokuthi baphazame, bakhethe uhlobo olungelona lululo.' (3)

5.1.4 Amadoda√/ubudoda√/isidoda.√ [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

5.1.5 Sisihlomelo sendawo√/sisihlomelo√/sisenzi.√ (2)

5.1.6 Loo√, isimelabizo sokwalatha √/mna √, isimelabizo soqobo,√/abo√, isimelabizo sokwalatha. [Nasiphi kwezi.] (2)

5.1.7

A. Igatya eliyintloko	B. Igatya elayamileyo
Ubutyebi abufane bubhange√	ukuba ubunonophele.√

(2)

5.1.8 ... ubugcwabalalana√ (1)

5.1.9 Kukuba isibizo silandela isikhombisi.√√ (1)

5.2 5.2.1 B√/B Sesokuba likwimo yesininzi√/Sesokuba likwimo yesininzi.√ (1)

5.2.2 Ixesha elidlulileyo.√ (1)

5.2.3 I√ngaba kulula ukonga imali kwi-intanethi? √ (2)

5.2.4 UJohn ujonge kude.√√/Kude kwasa nakuJohn ngemali.√√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] **[20]**

AMANQAKU ECANDELO C: 40
AMANQAKU EWONKE: 80